



# basic education

Department:  
Basic Education  
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

## NATIONAL SENIOR CERTIFICATE

IBANGA 12

ISIXHOSA ULWIMI LWESIBINI OLONGEZELELWEYO (SAL)

IPHEPHA LOKUQALA (P1)

FEBRUWARI/MATSHI 2012

WESTERN CAPE

AMANQAKU: 120

IXESHA: 2½ iiyure

Olu viwo lunamaphepha ali-18.

## IMIYALELO NENGCACISO

1. Eli phepha lemibuzo linamaCANDELO AMANE angala:

|             |                    |      |
|-------------|--------------------|------|
| ICANDELO A: | Uvavanyo lokuqonda | (30) |
| ICANDELO B: | Isishwankathelo    | (10) |
| ICANDELO C: | Ulwimi             | (60) |
| ICANDELO D: | Uncwadi            | (20) |
2. Funda YONKE imiyalelo ngononophelo.
3. Phendula YONKE imibuzo.
4. Bhala icandelo NGALINYE kwiphepha ELITSHA.
5. Krwela umgca ekupheleni kweCandelo ngalinye.
6. Bhala iimpendulo zakho ngokuchanekileyo ngokwendlela yokunombola esetyenzisiweyo kwiphepha lemibuzo.
7. Shiya umgca emva kwempendulo nganye.
8. Bhala ngokucocekileyo nangokucacileyo.
9. Qwalasela upelo nolwakhiwo lwezivakalisi.

## ICANDELO A: UVAVANYO LOKUQONDA

### UMBUZO 1


#### ISICATSHULWA A

- 1.1 Funda esi sicutshulwa sihamba nemifanekiso yaso ngononophelo uze uphendule imibuzo elandelayo.

### UYA KUNQANDWA ZIINKWENKWEZI EMCULWENI

#### UMHLATHI 1

UThembinkosi Boo oneminyaka engama-23 uyimvumi ephambili emculweni weGospile. Wazalelwa eBhayi waze waqala ukucula eneminyaka emithandathu ngenxa yosapho lwakhe oluwuthandayo umculo.



#### UMHLATHI 2

'Utata wandithengela ikeyboard kwaye ndandisoloko ndiyidlala ikeyboard xa ndingenzi nto. Kwandithatha iminyaka emithathu ukukwazi ukuyicofa kakuhle ikeyboard. UBishop Mondl wayithanda indlela endidlala ngayo wandivumela ukuba ndidlale kwikwayala yecawe nangona bendiseneminyaka eli-11,' utshilo uThembinkosi.

#### UMHLATHI 3



UThembinkosi wafunda kakhulu kwiBantu Church of Christ Choir waza waggqibela sele engumqambi nomcwangcisi weengoma zekwayala. Ikwayala yakhe yashicilela iCD ngo-1998 ethi *Thuma mina* kwaCCP Records. Emva kokushicilela loo CD intloko yakwaCCP Records, uBra Mike wamcela uThembinkosi ukuba abe yimvumi ephantsi kwakhe. 'Kaloku ndandisafunda uGrade 10

ngoko. Ndacela uMike ukuba alinde de ndiphumelele iMatriki. UMike wavuma.'

#### UMHLATHI 4

Ikwayala kaThembinkosi ayizange ifune ukumkhulula ukuze aqale ukucula yedwa, kodwa yavuma emva kweengxogxo ezishushu. 'Emva koko ndikhuphe iCD yam yokuqala ethi *Thembinkosi*'.

### UMHLATHI 5

URbecca Malope ucele uThembinkosi ukuba acule naye kwiCD yakhe ethi *Rebecca with Friends* kwaye uThembinkosi udibene neemvumi eziphambili ezinjengoBrenda Fassie noTsepho 'The Village Pope' Tshola.

### UMHLATHI 6

Abaxhasi bakaBooi bathanda ingoma yakhe ethi *Satana (ujampa amafence)*. Ulutsha nabadala bajuxuza bengakwazi ukuzibamba xa uThembinkosi ecula le ngoma. UThembinkosi uthi utywala neziyobisi zizinto ezingenandawo emculweni wakhe. 'Eyona nto ibalulekileyo kukusebenza nzima nokunika abalandeli bakho into abayifunayo eya kukwenza uphumelele,' utshilo uBooi.

### UMHLATHI 7

Ezinye iinkcukacha ngoThembinkosi

Ukutya: Ipasta  
linkqubo zeTV: uGenerations; The Jerry Springer Show  
lifilim: The Best Man; Men of Honour  
Abadlali beefilim: Jennifer Lopez; Jean Claude van Damme  
Imoto: BMW 325

[Sikhutshwe kwiBona, Juni 2001]

### UMHLATHI 1

- 1.1.1 UThembinkosi uthanda ukucula wuphi umculo? (1)  
1.1.2 Kwakutheni ukuze uThembinkosi aqale ukucula esemncinane? (1)

### UMHLATHI 2

- 1.1.3 UThembinkosi wayeneminyaka emingaphi ukuqala kwakhe ukudlalela ikwayala yecawe? (1)  
1.1.4 *Yinyaniso okanye Bubuxoki?* Akufumana ikeyboard, uThembinkosi wayekwazi ukuyicofa kakuhle. Xhasa impendulo yakho ngokubhekiselele kwisicatshulwa. (2)  
1.1.5 UBishop Mondi wavumela ukuba uThembinkosi enze ntoni ecaweni? (2)

### UMHLATHI 3

- 1.1.6 Yeyiphi iCD eyashicilelwa yikwayala kaThembinkosi? (1)  
1.1.7 *Yinyaniso okanye Bubuxoki?* UThembinkosi akazange ayifumane imvume yokuqhubeka nesikolo ukuya kufikelela kwibanga leMatriki ngenxa yomculo. (1)

1.1.8 UBra Mike wayefuna ntoni kuThembinkosi? (1)

1.1.9 UBra Mike wayephangela (wayesebenza) phi? (1)

#### UMHLATHI 4

1.1.10 Ibinzana elithi, 'kweengxoxo ezishushu' lithetha ntoni? Khetha kwezi zilandelayo:

A Ngabantu abathanda ukuthetha kakhulu.

B Ngabantu abathetha xa beshushu.

C Ngabantu abaphikisanayo. (1)

1.1.11 Wenze ntoni uThembinkosi akukhululwa yikwayala yakhe? (1)

#### UMHLATHI 5

1.1.12 UThembinkosi ufumene ithuba lokudibana nabani xa wayecula noRebecca Malope kwiCD yakhe ethi *Rebecca with Friends*? (1)

#### UMHLATHI 6

1.1.13 Eyona ngoma ithandwa kakhulu ngabaxhasi bakaThembinkosi yeyiphi? Kutheni usitsho? (2)

1.1.14 Ithini ingcebiso kaThembinkosi eza kunika abantu impumelelo? (1)

#### UMHLATHI 7

1.1.15 UThembinkosi uthanda ukutya ntoni? (1)

1.1.16 Yeyiphi inkqubo yaseMzantsi Afrika ethandwa nguThembinkosi kwi-TV? (1)

1.1.17 Nika igama lenenekazi elingumdlali weefilim elithandwa nguThembinkosi? (1)

## ISICATSHULWA B: OKUBONWAYO

1.2 Jonga le khathuni, uze uphendule le mibuzo ilandelayo.

**Majimbos**  
© THEMBA SIWELA

**Kudlala:**  
URasta  
UShoti  
USTix  
UChiskop

1 Majimbos! Ndiyoyika ukutshata intombi yam. Ndiza kubeka ubomi bam engxakini!  
Kuba kutheni?

2 KuMgqibelo ophelileyo bendiye emtshatweni womzala wam uNjabs!  
Oh, kunjalo?

3 Umtshakazi usebenza efektri eyenza iiswiti.  
Intle loo nto!

4 Abanye asebenza nabo bagqibe ekubeni baphose zonke iindidi zeeswiti endaweni yeentyatyambo, majita!  
Intle kakhulu loo nto!

5 Ixhala lam lelokuba intombi yam isebenza kwinkampani eyenza izitena!  
Ngoku?

6 Kaloku... kucacile abantu asebenza nabo baza kuphosa izitena kule ntlokwana yam!

7 Umncinane kona kodwa ingqondo yakho incinane kakhulu!

8 Utheth'ukuthini xa usithi ndinengqondo encinane? Kubhetele nje kuba ndinayo ingqondo!

[Ikhutshwe kwiBONA, Juni 2003: 111]

- 1.2.1 UShoti woyika ntoni kwibhokisi yokuqala? (1)
- 1.2.2 Ngubani obetshata kuMgqibelo ophelileyo? (1)
- 1.2.3 Ngubani osebenza kwifektri eyenza iiswiti? (1)
- 1.2.4 Emitshatweni kusoloko kuphoswa ntoni bakuphuma ecaweni abatshatayo? (1)
- 1.2.5 UShoti umangaliswe yintoni emtshatweni ngempelaveki ephelileyo? (1)
- 1.2.6 AMajita athi, 'Intle loo nto.' Kwibhokisi yesine. Kutheni esitsho nje? (1)
- 1.2.7 Kutheni uShoti esoyika ngoku? (2)
- 1.2.8 Ucinga ukuba uShoti uziva njani kwibhokisi yesibhozo? (1)
- 1.2.9 UShoti uzama ukuthini ngoStix xa esithi, 'Kubhetele nje kuba mna ndinayo ingqondo.' (1)

**AMANQAKU ECANDELO A: 30**

## ICANDELO B: ISISHWANKATHELO

### UMBUZO 2

Funda esi sicutshulwa uze usishwankathele.

1. Bhala izivakalisi ezisixhenxe okanye umhlathi onezivakalisi ezisixhenxe uthethe ngeengcebiso zokuzikhusela kumkhuhlane (kwiflu). Yenza ezakho izivakalisi ungakopi ngqo. (7)

2. Sebenzisa ulwimi olwamkelekileyo uze ushwankathele ngamagama angadlulanga kuma-50. Bhala inani lamagama owasebenzisileyo. (3)

### UKUKHUSELEKA KUMKHUHLANE OMKHULU (KWIFLU ENKULU)

Umkhuhlane omkhulu (iflu enkulu) ubizwa ngokuba yi-H1N1 kwaye uvele ngonyaka ka-2009. Nazi iindlela zokuzikhusela kwesi sifo:

#### Okokuqala: Gquma umlomo xa ukhohlela

Zininzi iintsholongwane eziphuma emlonyeni xa sikhohlela. Umntu ogulayo makavale umlomo ngesandla xa ekhohlela. Singanqanda esi sifo ukuba sonke sigquma imilomo yethu xa sikhohlela.



#### Okwesibini: Hlamba izandla

Xa singazihlambi izandla oku kungenza kube lula ukwanda komkhuhlane ingakumbi kumazwe afana noMzantsi Afrika, apho abantu bathanda ukubambana ngezandla xa bebulisa.

#### Okwesithathu: Vula iifestile zendlu

Kubalulekile ukuvula iifestile neminyango endlwini ukuze kungene umoya opholileyo. Kaloku indlu ehlala ivaliwe iba nevumba kwaye iyathanda ukugcina iintsholongwane. Oku kungenza kube lula ukufumana izifo njengomkhuhlane kuba akukho moya upholileyo ungenayo okanye uphumayo endlwini.

#### Okwesine: Sula izixhobo

Izixhobo ezisetyenziswa kakhulu ezifana nefoni, irimowuthi ye-TV, amacephe, imiqheba yeekomityi, iitroli ezivenkileni, njalo-njalo, kufuneka sizosule phambi kokuzisebenzisa kuba zonke ezi zinto ziphathwa zizandla ezininzi.

#### Okwesihlanu: Hlala endlwini xa ugula

Ukuba uziva ugula kubalulekile ukuba uhlale endlwini ungayi emsebenzini okanye esikolweni. Umfundi oya esikolweni egula, angasulela abanye abafundi nootitshala ngeentsholongwane.



**Okwesithandathu: Soloko ufumana uVitamin C**

Oogqirha bathi umntu ofumana uVitamin C ngokwaneleyo ambalwa kakhulu amathuba okuba afumane iintsholongwane zomkhuhlane omkhulu. Yitya rhoqo ii-orenji, iibhanana, iipilisi ezinovitamin C ezinyibilika emanzini, njalo-njalo.

**Okwesixhenxe: Fumana inaliti yomkhuhlane**

Oogqirha bacebisa ukuba wonke umntu kufuneka afumane inaliti ethintela umkhuhlane qho ngonyaka phambi kokungena kwexesha laseBusika. Umntu angafumana inaliti yomkhuhlane ekliniki okanye ekhemesti.

[Icatshulwe kwi *Vukani Magazini*, Juni 2010]

**AMANQAKU ECANDELO B: 10**

**ICANDELO C: ULWIMI**

**UMBUZO 3**

3.1 Lungisa amagama akrwelelwe umgca ngaphantsi.

Umama wam ungumtu ethanda ukubukela iinkqubo zininzi kumabonakude. Elona nkqubo ayithandayo nguKhumbul' ekhaya. Uyayibukela le nkqubo zonke imihla.

(5)

3.2 Dibanisa ezi zivakalisi ngokomzekelo olandelayo.

Umzekelo: Umfundi uza kufunda kakhulu. (Umfundi) uza kubhala ngomso.  
Impendulo: Umfundi uza kufunda kakhulu abhale ngomso.√

3.2.1 Abantwana baza kuthanda ukutya amashwamshwam. Babukela umabonakude.

(1)

3.2.2 Ixhego lilondoloze imali. Lithenge imoto entsha.

(1)

3.2.3 Hamba ngqo! Sukujika!

(1)

3.3 Lungisa la magama ngokulandelana (1–5) njengokuba uza kuwafumana kwidikshinari (kwisichazi-magama) yesiXhosa.

Umzekelo: umthi, -landa, umakukhulu, umlambo, iliso

Impendulo: (i) (um)lambo  
(ii) -landa  
(iii) (u)makhulu  
(iv) (um)thi  
(v) (ili)so

Isicelo; icikilise; -canda; umculi; isicafu-cafu


(5)

3.4 Tshatisa izivakalisi ezikuKHOLAM A nezivakalisi ezikuKHOLAM B. Bhala inombolo kunye nonobumba (A–E) ofanelekileyo, umzekelo 3.4.6 F.

| KHOLAM A |  | KHOLAM B |   |
|----------|--|----------|---|
| 3.4.1    | Okokuqala uze ubilise iilitha ezine zamanzi embizeni enkulu. | A        | kwenzeke ntoni?                                     |
|          |  | B        | mnye kuphela  |
| 3.4.2    | Ndicela undithengele ubisi.                                  | C        | okwesibini kufuneka ugalele ipasta emanzini abilayo |
| 3.4.3    | Zingaphi iincwadi edesikeni katitshalakazi?                  | D        | zilishumi elinesithandathu                          |
| 3.4.4    | Bangaphi abafundi abatshonileyo?                             | E        | ufuna oluseplastikini okanye olusebhotileni?        |
| 3.4.5    | Ndincede! Ndincede!  |          |   |

(5 x 1) (5)


- 3.5 Jonga kule mfanekiso ingezantsi ufunde izivakalisi. Khetha umfanekiso ohambelana nesivakalisi ngasinye ubhale inombolo efanelekileyo kuphela, umzekelo 3.5.3 2.



3.5.1 Intombazana ihleli ngasekhohlo kwaye inkwenkwe yona ihleli phakathi kwentombazana nomama. (1)

3.5.2 Ngasekhohlo kwentombazana kuhleli umama nenkwenkwe. (1)

- 3.6 Jonga kulo mfanekiso uphendule imibuzo.



Umzekelo: Thelekisa umthi A nomthi B ngobude.

Impendulo: Umthi A mfutshane kunomthi B. √√

Thelekisa umthi A nomthi B ngobukhulu. (2)

- 3.7 Dibanisa ezi zivakalisi zithathu ngokusebenzisa isihlanganisi esifanelekileyo. Khetha isihlanganisi esifanelekileyo kwibhokisi engezantsi uze ubhale isivakalisi ngokupheleleyo.

de; ngakumbi; phambi kokuba; nokuba; ngoko ke

3.7.1 Ndiza kubukela umdlalo wesoka phakathi kwamaXhosi nePirates. Amatikiti adulu. (1)

3.7.2 IPrezidanti iza kumamela izikhalazo zabemi. Iya ePalamente. (1)

3.7.3 Umfundi weMatriki uza kufunda isiXhosa. Uyasiqonda. (2)

3.8 Bhala izichasi zala magama akrwelelwe umgca ngaphantsi.

3.8.1 Besiye emyezweni wezilwanyana sabona ingonyama encinci. (1)

3.8.2 Ndakufika ethilini ndibone ukrozo lwabantu olufutshane. (1)

3.8.3 Yhu! Andizithandi ezi diliya kuba ziswiti. (1)

3.9 Jonga kule mifanekiso emva koko uphendule imibuzo.



3.9.1 Zeziphi iibhola ezifanayo? (1)

3.9.2 Yeyiphi ibhola engenamachaphaza? (1)

3.9.3 Yeyiphi ibhola enamachaphaza amaninzi kunezinye iibhola? (1)

3.10 Bhala isininzi sala magama alandelayo njengakulo mzekelo.

Umzekelo: Utata ► ootata ✓

3.10.1 Impuku (1)

3.10.2 Isityalo (1)

3.10.3 Intombazana (1)

[35]

#### UMBUZO 4

4.1 Bhala igama elikwisibiyeli kwezi zivakalisi libe kwisalathandawo. Bhala isalathandawo kuphela.

Umzekelo: Jonga! Nantsi ikati (umthi)

Impendulo: emthini ✓

4.1.1 Ndicela ukhangele isipaji sam (imoto). (1)

4.1.2 Yiya (ivenkile) uthenge inyama yenkomo. (1)

4.1.3 Kubuhlungu apha (ubuso) bam. (1)

4.2 Yenza imibuzo eza kuhamba nezi mpendulo zilandelayo. Sebenzisa amagama akrwelelwe umgca ngaphantsi kwimibuzo yakho.

Umzekelo: Baza kufika ngo-4 emva kwemini.

Impendulo: Baza kufika nini? ✓


4.2.1 Ndiza kudlala ngebhola yam entsha. (1)

4.2.2 Umama ufuna ukudibana nobhuti esikolweni. (1)

4.2.3 Inkwenkwe iqokelele iimotwana ezininzi. (1)

4.2.4 Abafundi baza kubhala uviwo lwesiXhosa ngoMvulo. (1)

4.3 Jonga kule mifanekiso uphendule imibuzo.



4.3.1 Sesiphi isilwanyana esisengwayo? (1)

4.3.2 Sesiphi isilwanyana esingenamilenze emine? (1)

4.3.3 Esi silwanyana sithanda ukuleqa isilwanyana esikwibhokisi yokuqala. (1)

4.4 Bhala ezi zivakalisi zibe kwixesha elibhalwe kwizibiyeli ecaleni kwesivakalisi ngasinye kwezi zilandelayo.

4.4.1 Inkomo ihambe ehlathini. (ixesha eladlulayo) (1)

4.4.2 Isithethi siza kuthetha. (ixesha elidlulileyo) (1)

4.4.3 Umfundi ufunda kakuhle. (ixesha ebelidlula) (1)

4.4.4 Andidlali. (ixesha elalidlula) (1)

4.4.5 Iminenga ibonakala kulwandle lwaseHermanus. (ixesha elizayo) (1)

4.5 Phinda ubhale ezi zivakalisi ukuze zibe kwimo elandulayo ngoku.

Umzekelo: Intombi iza kubhala uviwo.

Impendulo: Intombi ayizi kubhala viwo. ✓

4.5.1 Usapho lukaRobert lwaya edamini. (2)

4.5.2 UJobe uza kubulala uNgodongwana. (1)

4.5.3 Abadlali bethu bafikile. (1)

4.5.4 Amahashe asela amanzi ngoku. (1)

4.6 Jonga kule mifanekiso uphendule imibuzo ngokubhala unobumba ofanelekileyo kuphela, umzekelo 4.6.3 A.



4.6.1 Yeyiphi inyoka engenalwimi luvelileyo? (1)

4.6.2 Le nyoka ayifani nezinye ngemigca yayo. (1)

4.7 Yakha izibizo kwezi zenzi zilandelayo.

Umzekelo: -hlala

Impendulo: umhlali/intlalo ✓

4.7.1 -fundisa (1)

4.7.2 -thetha (1)

4.7.3 -bhala (1)

[25]

**AMANQAKU ECANDELO C: 60**

## ICANDELO D: UNCWADI

### IMIYALELO NENGCACISO

- Khetha incwadi ENYE kuphela uphendule imibuzo yale ncwadi uyikhethileyo.
- Ukuba ukhetha *UNGODONGWANA* uze uphendule UMBUZO 5.
- Ukuba ukhetha *IHOLIDE EBIWEYO* uze uphendule UMBUZO 6.

### UMBUZO 5: *UNGODONGWANA* – PM Ntloko

Funda esi sicutshulwa uze uphendule imibuzo elandelayo.

|              |  |
|--------------|--|
| UMAMKHWEMTE: | Hi bafazi, nisithini na esi simanga sihlele abantwana benkosi?   |
| UMAMKHIZE:   | Wethu, musa ukuyithetha into enje. Ngowona mhlola uphambili lo kuyo yonke esikhe sayibona, sayiva, kweli labaThethwa.  |
| UMAMAZIBUKO: | Hi bantakwethu, nithi ezi zizanga ezitheni ezi zingakhanga zibe nantshayelelo namikhuba yokubonisa ukuza kwazo? Oko ndabakhoyo, njengokuba sendingwevu nje, izinto ezibulala intliziyo njengezi noko andikhanga ndizalame.                   |
| UMAMKHIZE:   | Kodwa nithi, bafazi, inkosi nonina waba bafana, nodade wabo banjani ukonakala emiphefumleni yabo ngenxa yale lahleko ingaka ngephanyazo.   |
| UMAMKHWEMTE: | Nceda, wethu MamKhize, khawugqithise iqhaga legwad' elo khe nditshaye, mntwan' omntu. Ubona nje wena ezinye izinto ziyadanisa. Uyaz' uba iimpukane eziluhlaza zithi aba bantwana babulewe ngabom, ngomyalelo kayise.                         |
| UMAMAZIBUKO: | O! Hayi suka wethu MamKhwemte, mus' ukuhlola apha gokwenz' intsomi emini. Yini le uyithethayo?   |
| UMAMKHIZE:   | Hayi kaloku, ntombi, buyisa iqhaga lam elo. Kutheni ngathi uzenza uhobolozela wasetywaleni nje ngoku?  |
| UMAMKHWEMTE: | A! Suka wethu. Yeka ndigwade. Ndisaphumz' ingqondo ekucingeni ezi zigigaba zale mihla. Khon' ukuba besekutheni na ndingacumza okuphuma kowam umbilini? Inyama yona inganetyala kodwa wona umphefumlo! O! Umphefumlo ongwele kaThixo umsulwa. |
| UMAMAZIBUKO: | Uyinyanisile na le nto yokubulawa kwaba bantwana ngabom? Ngasiphi isizathu bafazi? Wo! Izinto zeli xesha!  |
| UMAMKHIZE:   | Nincede ningayipapashi bethu. Amahumhum athi bafuna ukuthabatha ubukhosi. Badibene ke bobabini, uTana noNgodongwana, ngokuzama ukuyikhupha ebukhosini inkosi uyise. UNgodongwana akaziwa apho afele khona, kufunwe kwancanywa.               |

ISITHUNYWA: Mam' uMaMazibuko, kuthiwa mandize kunibiza kuye kungcwatywa uTana.  
*(Amadoda nabafazi ahamba amngcwaba uTana, akwabikho uyayo kwabakomkhulu, ezi ndaba azikafiki komkhulu. UNodunge wayekho.)*

- 5.1 Bangaphi abafazi abathetha kwesi sicutshulwa? (1)
- 5.2 UMamKhwemte uthetha ngesimanga esihlele abantwana benkosi.  
Ngoobani ke aba bantwana athetha ngabo? (2)
- 5.3 Ndichazele ngesi simanga athetha ngaso uMamKhwemte. (2)
- 5.4 Yinyaniso okanye bubuxoki? UMaMazibuko ungumntu omdala. Xhasa impendulo yakho ngokukhupha ibinzana okanye igama elifanelekileyo kwesi sicutshulwa. (2)
- 5.5 Ngoobani inkosi, unina nodade waba bafana athetha ngabo uMaKhize? Bhala amagama abo. (3)
- 5.6 UMamKhwemte ebefuna ukuboleka ntoni kuMamKhize? Ebefuna ukwenza ntoni ngale nto? (2)
- 5.7 Ibinzana elithi, 'limpukane eziluhlaza' lithetha ntoni? Khetha ENYE kwezi zilandelayo:  
A Abantu abahlebayo.  
B limpukane ezinkulu.  
C Izilwanyana ngezilwanyana. (1)
- 5.8 Kuthetha ukuthini ibinzana elithi, 'ukwenza intsomi emini'? (1)
- 5.9 Mandulo abantu babesithi umntu owenza intsomi emini uza:  
A Kufumana iinkomo ezimbini.  
B Uza kuphuma iimpondo.  
C Uza kubethwa. (1)
- 5.10 Bobabini abantwana benkosi bangcwatywe ngaloo mini? Chaza. (2)
- 5.11 OoMaMazibuko babizwe ngubani ukuze baye emngcwabeni? (1)
- 5.12 Ingaba inkosi yabaThethwa seyiyivile indaba ekuthethwa ngayo ngooMaMazibuko? (1)
- 5.13 Amahumhum ayesithini ngenjongo yabantwana benkosi? (1)

**[20]**

**OKANYE**



**UMBUZO 6: IHOLIDE EBIWEYO – J William no T Ntshinga**

Fundisisa esi sicutshulwa silandelayo uze wandule ukuphendula imibuzo.

|  |    |
|--|----|
| URobert wayesazi ukuba kukho inombolo onokuyifowunela xa ulahle ikhadi lakho. Inombolo isoloko ibhalwe ematshinini wokukhupha imali ebhankini. Wakhawuleza ukuphindela ematshinini, wabhala phantsi inombolo. Wakhawuleza ukuya kwifowuni kawonkewonke wafowunela le nombolo.  | 1  |
| Kwafuneka enike le ndoda athetha nayo kwelinye icala inombolo yakhe yesazisi. 'Ndineendaba ezimbi,' yatsho le ndoda. 'Kutsalwe imali eninzi. Kukho umntu osel'elisebenzisile ikhadi lakho'. Waziva egula uRobert akufumanisa ukuba kutsalwe malini.  | 5  |
| Wayegcina imali ixesha elide elungiselela le holide, ngoku wayengenayo kwanto. Ngethamsanqa ootsotsi zange babe nakuyitsala yonke. Umatshini webhanki wawuvumela umntu ukuba atsale isixa esithile ngemini.  | 10 |
| Indoda yasebhankini yathembisa ukuba iza kuvala kungabikho bani unokutsala imali. URobert wayibulela le ndoda waza wafowunela amapolisa. Amapolisa aphenhula ngelithi aza kuwuphanda lo mcimbi. 'Ootsotsi bayenza rhoqo le nto,' latsho ipolisa.<br>'Bayakugada ukuze bafumane inombolo yakho eyimfihlelo. Baye ke batshintshe amakhadi la ungaqaphelanga nto phofu wena. Uze usoloko ulumkile ukususela ngoku.' | 15 |
| URobert wathi chu ukuhamba. Wayengazi ukuba uza kuthini kuGrace nabantwana. Kufuneka begodukile ngengomso. Kwakungekho mali yanele ukuba babesahlala ngaphezulu. Imali eyayikho yayenela kuphela amatikiti etreyini.   | 20 |

- 6.1 URobert ulilahle njani ikhadi lakhe lebhanki? (2)
- 6.2 Umntu angayifumana phi inombolo yokufowuna xa ikhadi lilahlekile? (1)
- 6.3 URobert wafumana inombolo wasebenzisa eyiphi ifowuni? (1)
- 6.4 Indoda athethe nayo uRobert ibicela ntoni kuye? (1)
- 6.5 Yintoni 'iindaba ezimbi' ethethe ngazo indoda yasebhankini? (2)
- 6.6 Waziva njani uRobert emva kokuva ezi ndaba? Kutheni usitsho? (2)
- 6.7 *Yinyaniso okanye Bubuxoki?* Usapho lukaRobert lusoloko lusiya eholidayini exabisayo. Xhasa impendulo yakho ngokubhekiselele kwisicutshulwa. (2)
- 6.8 Ootsotsi bayitsala yonke imali kaRobert? Xhasa impendulo yakho. (2)
- 6.9 Indoda yebhanki yamnceda njani uRobert? (2)

- 6.10 Ngoobani ababeza kuphanda umcimbi kaRobert? (1)
- 6.11 Chaza isizathu sokuba uRobert athi chu ukuhamba egoduka ngaloo mini. (2)
- 6.12 Chaza isizathu sokuba uRobert acinge ngokugoduka ngetreyini. (2)
- [20]**

**AMANQAKU ECANDELO D: 20**  
**AMANQAKU EWONKE: 120**